NASIONALE WOLKWEKERSVERENIGING VAN SUID-AFRIKA
NATIONAL WOOL GROWERS' ASSOCIATION OF SOUTH AFRICA

Indlela yokulwa u ngcoliseko e Boyeni (How to stop Wool contamination)

NWGA Acting Manager: Training and Development Zithulele Mbatsha

083 660 3160/ email : mbatsha@nwga.co.za

Yintoni u ngcoliseko e boyeni (what is wool contamination?)

Olona ngcoliseko lu khulu lwenziwa zii ntambo zokubopha amabhali, imicwe yo boya emabalabala, izinto ezi fana namaphepha, I plastiki kunye nee ntsinjana ezifumaneke e ndaweni yokuchebela (Shearing Shed).Olunye u ngcoliseko lwenziwa ngamabala enziwa yi tar, umchamo, I gazi, I peyinti le amafama athi ayi sebenzise xa ephawula I gusha zawo, kwa kunye namabala enziwa ngumbola (fungus), nama chiza e mpahla.

I ndlela yoku nqanda u ngcoliseko e boyeni (How to prevent wool contamination)

indlu yokuchebela (Shearing Shed) mayicocwe phambi kokuba kuqaliswe ukuchetywa kwe gusha. Qinisekisa ukuba iintambo zamabhali, iingxowa zokutya kwe mpahla, izinja kwakunye nezinto nje ezinga sebenziyo e shedini zikhutshiwe. Kwi ndlu yokuchebela makubekho imigqomo yokulahla Inkunkuma. Imitshayelo yengca yenza ungcoliseko kwindlu yoku chebela, kubalulekile ukuba usebenzisa imitshayelo ye rabha yona enga ngcolisiyo. Maku qalwe ngee gusha zoboya uku chetywa uku nqanda ungcoliseko yikemp esuka kwi gusha ezi ngezizo ezo boya.

Onke amaphawu enziwe nge peyinti ezi gusheni mawa suswe phambi kokuba iigusha zingene eshedini. Ii gusha ezi noboya obumnyama mazi chetywe mva bucala. Ii mbewu zengca ezifana

no katyi mazi suswe e boyeni phambi kokuba zichetywe. Uboya be ntloko nobe ndlathi mabufakwe ku Lox 1. Uboya obu nomchamo nobulongwe mabu hlohlwe bodwa. Izicuku zofele no boya obu negazi mabu suswe eboyeni. Iingxowa zoboya maziguqulwe kuqala ukuqinisekisa ukuba akukho nto ingafunekiyo ngaphakathi phambi kokuba ku hlohlwe uboya. Izi qhoboshi zama bhali oboya mazibe bukhali ukuze zingadlakazi imicwe yo boya. Xa kuhlohlwa uboya obuzi ndidi ezingafaniyo kwi bhali elinye maku setyenziswe I phepha kuphela ukohlula uboya.

Isishwankathelo (Conclusion)

Kubalulekile ukulwa ungcoliseko loboya kuba uboya obu ngcolileyo ixabiso labo liyehla. Xa kusenziwa ii mpahla zoku nxiba, u boya obune kemp okanye uboya obufana nobe bhokhwe abuyithathi I dye yombala ofunekayo. Xa kuthe kwa ngena intsimbi nge mpazamo ebhalini oomatshini bokukama uboya bayophuka. Imizi yentengiso yo boya (Brokers) ithi babhatala umrhumo we R15000 xa ibhali elinentsimbi lithe labhaqwa sele likumazwe angaphesheya. I shedi ekuthe kanti elo bhali linentsimbi lisuka kuyo ithi ibhataliswa umdliwo we R1500.

28 March 2018